UMandla nenja yakhe uMoli bahlala noMakazi eRhawutini. UMandla umthanda kakhulu uMoli.





UMandla noMoli badlala kunye yonke imihla.  UMandla ukhaba ibhola uMoli ayilande.

UMandla umkhathalele kuMoli.

UMoli unendlu entle ukuze ahlale efudumele kwaye omile.

UMandla uyamondla uMoli amgalele namanzi okusela.

Ugudla uMoli ngebrashi ukuze uboya bakhe buhlale busempilweni bukhazimla.

Ngosuku oluphambi kwenyibidyala, uMandla noMakazi babebukele iziqhushumbisi phandle.

UMoli wayeyoyika kakhulu ingxolo nokukhanya kweziqhushumbisi. Wazimela emva kumkhusane womdiyadiya.

Ngequbuliso kwavakala isithonga esikhulu. GQWA!

Waba noloyiko olukhulu uMoli, waphaphazela wabalakela waphuma endlini.





“Buya, Moli!” wakhwaza uMandla.  UMoli wathubeleza esangweni wabaleka wehla ngendlela.

Ngosuku olulandelayo uMandla wavuka wakhangela uMoli yonke indawo.

Wakhangela egadini.

Wakhangela phantsi kwemoto.

Wakhagela esitratweni.

Wakhangela yonke indawo kodwa engabonakali uMoli.

Ngobo busuku uMandla wayekhathazeke kanobom.

Wayethandazela ukuba uMoli abuye ngokukhawuleza.







UMandla noMakazi bagqiba ekubeni benze izibhengezo sokuncedisa ukufunisa ngoMoli.

Baxhoma izibhengezo kuyo yonke ingingqi.

Nangoku uMoli wayengekabuyi. UMandla wayexhelekile.

“Uphi uMoli?” wazibuza.
“Umnqweno wam kukuba abuyele ekhaya.”





Kwathi ngenye imini, uMakazi wafumana umnxeba. UMoli wayefumanekile kufuphi nesilarha.

UMandla noMoli babekuvuyela ukuba kunye kwakhona.

“Imiboniso yeziqhushumbi ezineentlantsi ayizilungelanga izilwanyana,” watsho uMandla.

“Haw haw! Wakhonkotha evumelana noMandla uMoli, emva koko wamkhotha.

